


# ICORONAVAYIRASI

## MASIYINQANDE inganwenwi

### Ukugcina isithuba esaneleyo phakathi kwabanye - kutheni yaye sivulwa njani isithuba phakathi komntu nomnye?

- INTsholongwane yeCorona ibangela ukhohlokhohlo nefiva. Ayibahlaseli ngamandla abantu abaninzi intsholongwane yecorona.
- Xa umntu ekhohlela okanye ethimla, ushiya iintsholongwane kwimiphezulu yezinto nasemoyeni.
- Ungasulelwa yintsholongwane yecorona xa:
  - Ubamba imiphezulu yezinto okanye iindawo ezinentsholongwane uze uziphathe ubuso, amehlo, impumlo okanye umlomo okanye
  - Ukhe wasondelelana kakhulu kune-(1,5 yeemitha) nomntu onentsholongwane yecorona.



### Ukuba siyabhekelelana sinciphisa amathuba okuba intsholongwane inwenwele nakwabanye.

- Oku kuya kunceda abo basemngciphekweni omkhulu wokusulelwa yintsholongwane yecorona, abangabo bangaphezu kweminyaka engamashumi amathandathu (60) okanye abaneHIV, TB, iingxaki zezigulo zemiphunga nezentliziyo.
- Oku kuya kuthetha ukuhla kwamaxhala kwinkqubo yethu yezonyango ukuze abo bafuna uncedo ngonyango balufumane.

### Singasigcina njani isithuba phakathi komntu nomnye?

Hlala ekhaya.



Ungaphuma endlwini kuphela xa usiya kufuna ukutya okanye amayeza.



Kuphephe ukuba kwiindawo zikawonkewonke nakwizithuthi zomntu wonke kangangoko unako.

Gcina isithuba esingange-1,5 yeemitha phakathi kwakho nabantu.



Musa ukubamba isandla xa ubulisa, musa ukugona okanye ukuncamisa nawuphi na umntu ongengowakowenu.



Zirhoxise izicwangciso onazo zolonwabo: ungayi emathekweni, emidlalweni, ezintlanganisweni okanye ungayi nakwimicimbi yamaqela ezenkolo.

Bonakalisa ukuba uyabakhathelela abanye ngokugcina isithuba phakathi kwakho nabo ngeli xesha.

liHotline:

0800 029 999 okanye 021 928 4102 okanye 0800 111 132

WhatsApp "Hi" uthumele ku-060 012 3456

Ukufumana ezinye iinkcukacha:  
[www.westerncape.gov.za/coronavirus](http://www.westerncape.gov.za/coronavirus)

